Get more papers from: www.mycourses.co.za


## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Umhlathi omde | (30) |
| ICANDELO C: | Umhlathi omfutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO ngaLINYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala iCANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Ingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Imizuzu engama-80 |
| ICANDELO B: | Imizuzu engama-40 |
| ICANDELO C: | Imizuzu engama-30 |

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

www.mycourses.co.za


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


## ICANDELO A: ISINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Batshintsha ubomi bam ngaloo mini **[50]**

1.2 Iqonga lonxibelelwano endilithandayo **[50]**

1.3 Ngosuku lwam lokuqala ndibhala iimviwo zematriki ... **[50]**

1.4 Okuhle nokubi ngesibonelelo sikarhulumente sama-R350 **[50]**

1.5 Akakho umntu ophila yedwa ebomini **[50]**

Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.6, 1.7 OKANYE 1.8). Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.

**QAPHELA:** Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.6



[Uthatyathwe ku-www.gettyimages.com] **[50]**

www.mycourses.co.za


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

### UMBUZO 2

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho owenzakeleyo ileta uvelane naye kuba engakwazanga ukubhala iimviwo. **[30]**

2.2 **ISIVI NELETA EYIKHAPHAYO**

USive Gaga ubone esi sibhengezo singezantsi kwiphephandaba I'Solezwe lomhla wama-20 Novemba 2023. Bhala isivi neleta eyikhaphayo egameni likaSive Gaga ujonge esi sibhengezo silandelayo.

**ISITHUBA SETHUTYANA SOKUBANGUMNCEDISI KATITSHALA**

**Okulindelekileyo kulo msebenzi:**

1. Ukuncedisa abafundi ngemisebenzi yasekhaya.
2. Ukugcina abafundi bexakeke ngumsebenzi wesikolo xa engekho utitshala.
3. Ukubhala amanqakwana ngomfundi ngamnye xa kuphela ikota.

**Iziqinisekiso zemfundo:**

- Ibanga leshumi elinambini.
- Isatifikethi kwezonikezelo lweenkonzo ekuhlaleni *(community services).*

**Izakhono:**

- Isakhono sokuthetha nokubhala isiXhosa nesiNgesi.
- Isakhono sonxibelelwano.
- Isakhono sokubhala nokunikezela ingxelo.

Thumela isicelo sakho kule dilesi: Thembani High School, PO Box 564, Elliott, 5460. **[30]**

2.3 **I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari yomdlali omthandayo weqela lebhola olixhasayo. **[30]**

2.4 **INTETHO ENGEKHO SESIKWENI**

Ucelwe ukuba umele abafundi bebanga le-12 kwitheko lokuthi ndlela-ntle kwinqununu yesikolo. Bhala intetho engekho sesikweni oza kuyenza kweli theko. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

### UMBUZO 3

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 umxholo kuphela.

3.1 **ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Ungummeli wolutsha lwengingqi yakho. Bhala isibhengezo-ntengiso ngenkonzo (ngesevisi) yokunceda abantu bengingqi yakho ngewayifayi *(Wi-Fi)* yasimahla. **[20]**

3.2 **UMYALEZO OMFUTSHANE KA-*WHATSAPP***

Bhalela umhlobo wakho umyalezo ka-*WhatsApp* umkhumbuze ngomsebenzi wesikolo enifanele ukuwenza, umbonise nokubaluleka kwalo msebenzi kwimpumelelo yakhe kweli banga. **[20]**

3.3 **IZALATHISI**

Imephu yezalathisi yijonge kwiphepha elilandelayo:


www.mycourses.co.za


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


## 3.3 IZALATHISI

Bhala izalathisi zokubonisa umhlobo wakho ohamba ngeenyawo indlela esuka *eCourthouse* eya kwisikhululo samapolisa *(Police station)*. Landela iintolo ezisemephini.




[Ithatyathwe ku-www.directionmaps.com waza wahlelwa] **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**


Source: www.mycourses.co.za